



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LESITHATHU (P3)

NOVEMBA 2011

AMANQAKU: 100

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha asi-7.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha linamaCANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathana emide	(30)
ICANDELO C: Imihlathana emifutshane	(20)
2. Phendula umbuzo omNYE kwicandelo ngaliNYE.
3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha elitsha.
5. Yenza uyilo (umzekelo, imephu yengqondo, isazobe okanye idayagramu/flowu tshati/amagama angundoqo, njalo-njalo). Uyilo malubhalwe PHAMBI kokubhalwa kwesincoko. Hlela uze ufunde kwakhona umsebenzi wakho.
6. Wonke umsebenzi woyilo mawubhalwe ucaciswe ngolo hlobo. Uyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumla kulo lonke uyilo olwenzileyo.
7. Uyacetyiswa ukuba usebenzise imizuzu engama-80 ubuncinci KWICANDELO A, imizuzu engama-40 KWICANDELO B nemizuzu engama-30 KWICANDELO C.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.
9. Nika impendulo nganye isihloko esichanekileyo.

QAPHELA: Isihloko masingabalwa xa kubalwa amagama asetyenzisiweyo.
10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYE kwezi zilandelayo. Bhala amagama ali-190 ukuya kuma-240.

1.1 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.

**[50]**

1.2 Xa ndinokufumana ithamsanqa lokuwina imali engangama-R50 000.

[50]

1.3 URhulumente woMzantsi Afrika wedemokhrasi wenze umsebenzi oncomekayo kuphuhliso lweelali ukusuka kunyaka we-1994 ukuza kutsho ngoku. Bhala isincoko uvakalise izimvo zakho.

[50]

1.4 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[50]

1.5 Kwixesha esiphila kulo uyakwazi ukuhlawula amatyala, uthumele imali, uthenge nezinye izinto usebenzisa ifowuni. Bhala isincoko ubonise ukulunga nokungalungi kwale nto.

[50]

1.6 Iye isanda imizi ephethwe ngabantwana ngenxa yokushiya kwabo ngabazali babo bengenamntu mdala. Bhala isincoko ngalo mba.

[50]

1.7 Kwakuzele qhu edolophini, kuphithizela abatsha nabadala, kungekho nendawo yokuma ngexesha leKrisimesi. Abantu babexakekile bephuma bengena ezivenkileni bethenga ooni nooni. Balisa.

[50]

1.8 Jonga lo mfanekiso ulandelayo ubhale isincoko ngawo.



[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHANA EMIDE**UMBUZO 2**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-80–100 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

2.1 ILETA YASEBURHULUMENTENI

Njengomququzeleli weqela lebhola lasekuhlaleni, bhalela uMphathiswa weSebe lezeMidlalo ucele iimpahla ezintsha zokudlala (ikiti).

[30]**2.2 INTETHO**

Uza kwenza intetho kwitheko lokuthi ndlela-ntle kutitshala wakho wesiXhosa othabatha umhlalaphantsi. Bhala intetho yakho.

[30]**2.3 INGXOXO**

Abafundi ababini bebanga leshumi elinambini ababoni ngasonye malunga nombaba wokuvota. Omnye ubona kubalulekile ukuvota, omnye akaboni mfuneko yokuba avote kwaphela. Bhala le ngxoxo.

[30]**2.4 IMEMORANDAM**

UnguNobhala weBhunga labafundi esikolweni. Bekunentlanganiso yabafundi bexoxa ngezinto abanganeliseki zizo apha esikolweni. Bhalela inqununu yesikolo imemorandum uyixelela ngezi zikhalazo.

[30]**AMANQAKU ECANDELO B: 30**

ICANDELO C: IMIHLATHANA EMIFUTSHANE**UMBUZO 3**

Chonga umhlathana omde ube mNYE kuphela. Bhala ama-60–80 amagama (umxholo kuphela). Wubhale kwiphepha elitsha umhlathana lowo.

3.1 ISIBHENGEZO

Kuza kuqhutywa ikhonsathi yeemvumi zomculo woKholo esikolweni sakho. Bhala isibhengezo ngalo msitho.

[20]**3.2 ISINGENISO SEDAYARI**

Kwitheko lokuvuyisana nosisi/nobhuti wakho ngomhla wokuzalwa kwakhe, ucelwe ngabazali bakho ukuba wenze amalungiselelo. Yenza isicwangciso seentsuku ezintlanu.

[20]**3.3 IMIYALELO**

UnguMongameli weBhunga labafundi kwisikolo sakho. Uceliwe ukuba unike abafundi bebanga leshumi imiyalelo ngendlela yokuziphatha apho esikolweni.

[20]

AMANQAKU ECANDELO C: 20
AMANQAKU EWONKE: 100